**IMIGAQO YENKQUBO YOKWENZIWA KOMSEBENZI**

Ukulawulwa kwababafundi abanezithintelo ekufundeni.

**ISIHLOMELO B**: Ukugcinwa ngokunqatyisiweyo kwamaxwebhu

| ISIHLOMELO B: UKUGCINWA NGOKUNQATYISIWEYO KWAMAXWEBHU EZIKOLWENI |
| --- |
| ▪ Iikopi zazo zonke iingxelo ezichanekileyo ezifanelekileyo mazigcinwe kwiProfayili yoMfundi *(Learner Profile)* yomntwana ngamnye.<br>▪ Izikolo maziqinisekise ukuba zinenkqubo *(system)* yolawulo ecwangcisekileyo esebenzayo ukwenzela ukugcina ngokhuseleko, ukuhlaziywa nokufunyanwa kweefayili eziyimfihlo *(confidential files)*.<br>▪ Iinqununu maziqinisekise ukuba bonke abasebenzi bezolawulo baya kuhlonipha ukuba yimfihlo kwendlela aqhuba ngayo umfundi ekwenzeni imisebenzi yabo nokuba abasebenzi basayina uxwebhu olukhusela ukuba yimfihlo kwengcaciso ( *confidentiality clause*).<br>▪ IiProfayili zaBafundi mazi gqithiselwe kwisikolo somntwana esilandelayo. |